



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**FEBRUWARI/MATSHI 2011**

**IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 100**

**Le memorandam inamaphepha ali-13.**

**ICANDELO A: IZINCOKO – 50 AMANQAKU**

Iziqulatho	Khowudi 7 Balaseleyo 80% – 100%	Khowudi 6 Mfaneleko 70% – 79%	Khowudi 5 Enomthamo 60% – 69%	Khowudi 4 Anele 50% – 59%	Khowudi 3 Phakathi 40% – 49%	Khowudi 2 Buthathaka 30% – 39%	Khowudi 1 Bubhetyebhetye 00% – 29%
<b>1. UMONGO NOYILO</b>  <b>(30 AMANQAKU)</b>	<b>24 – 30</b>  Ubungqina boyilo okanye bokucebeka ekuveliseni isincoko esingenamakhwiniba nesigqibeleleyo.  Isincoko sibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. lingcamango zivuthiwe, zixhokonxa iingcinga.	<b>21 – 23½</b>  Ubungqina boyilo okanye bokucebeka ekuveliseni isincoko esinobugcisa obuhle nobuqaqambileyo.  Isincoko sibonakalisa utolikeko oluchanekileyo lwesihloko. lingcamango zihlakaniphile zinomdla.	<b>18 – 20½</b>  Ubungqina boyilo okanye bokucebeka ekuveliseni isincoko esinomfaneleko nesilunge kakhulu.  Isincoko sibonakalisa utolikeko oluvakalayo lwesihloko. lingcamango zinomdla, zeziqinisekiso.	<b>15 – 17½</b>  Ubungqina boyilo okanye bokucebeka ekuveliseni isincoko esinomfaneleko esamkelekileyo.  Isincoko sibonakalisa utolikeko olwanelisayo lwesihloko. lingcamango ziqhelekile, ziyasilela ngobunzulu.	<b>12 – 14½</b>  Ubungqina boyilo okanye bokucebeka ekuveliseni isincoko esikwizinga eliphakathi nesinamatheleneyo.  Isiqulatho siqhelekile, sinezikhewu kunamathelwano. lingcamango uninzi lwazo lunxulumene.	<b>9 – 11½</b>  Ubungqina boyilo okanye bokucebeka ekuveliseni isincoko esingabekelwanga kakuhle.  Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. lingcamango zinqongophele, soloko kuphindaphindwa.	<b>0 – 8½</b>  Ubungqina boyilo okanye bokucebeka ekuveliseni isincoko esibekelwe ngokutenxileyo.  Isincoko asikho mxholweni kwaye akukho namathelwano. lingcamango, uphinda-phindo nokunwenela kude kwisihloko.
<b>2. ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA</b>  <b>(15 AMANQAKU)</b>	<b>12 – 15</b>  Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulomagama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo.  Itekisi ayinazimposiso konke-konke kuba kwenziwa uvavanyo-fundo nohlelo.	<b>10½ – 11½</b>  Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulomagama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo.  Itekisi engenamakhwiniba ngokupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	<b>9 – 10</b>  Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulomagama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo magama oluhambelana netekisi.  Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	<b>7½ – 8½</b>  Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulomagama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo lwamagama lwanele.  Itekisi iseneemposiso noxa kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	<b>6 – 7</b>  Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulomagama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachanekanga. Uchongo magama luphakathi.  Itekisi ineziphoso ezininzi nangona kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	<b>4½ – 5½</b>  Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulomagama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo magama luyahexa.  Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	<b>0 – 4</b>  Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulomagama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo lwamagama luhexa kakhulu.  Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo nohlelo.

3. ISAKHIWO/ IMO  (5 AMANQAKU)	4 – 5	3½	3	2½	2	1½	0 – 1
	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamatheleneyo.  Ubude buyangqinelaneemfuno zesihloko.	Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahlukahlukene.  Ubude bufanelekile.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.  Ubude bufanelekile.	Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile, kodwa isincoko sona sinembadla.  Ubude bubufaneleka.	Izivakalisi nemihlathi zineemposiso, kodwa iingcamango ziyalandeleka.  Umthamo mfutshane kakhulu okanye mde kakhulu.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.  Umthamo mfutshane okanye mde kakhulu.	Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyubhutyu azingqinelani.  Umthamo mfutshane okanye mde ngokubaxekileyo.

**Izincoko ziya kuhlolwa ngokwale ndlela ilandelayo:**

ISIQULATHO	AMANQAKU
A UMONGO NOYILO	30
B ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	15
C ISAKHIWO/IMO	5
AMANQAKU EWONKE	50

**ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE – 30 AMANQAKU**

<b>ISIQULATHO</b>	<b>Khowudi 7 Balaseleyo 80% – 100%</b>	<b>Khowudi 6 Mfaneleko 70% – 79%</b>	<b>Khowudi 5 Enomthamo 60% – 69%</b>	<b>Khowudi 4 Anele 50% – 59%</b>	<b>Khowudi 3 Phakathi 40% – 49%</b>	<b>Khowudi 2 Buthathaka 30% – 39%</b>	<b>Khowudi 1 Bubhetyebhetye 00% – 29%</b>
<b>1. UMONGO, UYILO NEMO  (18 AMANQAKU)</b>	<b>14½ – 18</b>  Ubungqina bokucebisa uyilo luvelise iitekisi engenazimpazamo.  Imihlathi ibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. lingcamango zivuthiwe zixhokonxa iingcinga.  Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamatheleneyo.	<b>13 – 14</b>  Ubungqina bokucebisa uyilo luvelise iitekisi engenazimpazamo kwaye bukwavelise iitekisi eyakhiwe ngokupheleleyo.  Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluchanekileyo lwesihloko. lingcamango zihlakaniphile, zinomdla.  Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahluka-hlukene.	<b>11 – 12½</b>  Ubungqina bokucebisa uyilo luvelise iitekisi eyakhiwe ngokuncomekayo.  Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluvakalayo lwesihloko. lingcamango zinomdla, zeziqinisekisiyo.  Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.	<b>9 – 10½</b>  Ubungqina bokucebisa uyilo luvelise iitekisi eyanelisayo.  Imihlathi ibonakalisa utolikeko olwanelisayo lwesihloko. lingcamango ziqhelekile, ziyasilela ngobunzulu.  Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile, kodwa umhlathana wona unembadla.	<b>7½ – 8½</b>  Ubungqina bokucebisa uyilo luvelise iitekisi ephakathi kwaye bukwavelise iitekisi eyakhiwe ngokulindelekileyo.  Isiqulatho siqhelekile, sinezikhewu kunamathelwano. lingcamango uninzi lwazo lunxulumene.  Izivakalisi nemihlathi zineemposiso kodwa iingcamango ziyalandeleka.	<b>5½ – 7</b>  Uyilo okanye ucebo alwanelisi kwaphela, iitekisi ayibekelwanga kakuhle.  Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. lingcamango zinqongophele soloko kuphinda-phindwa.  Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	<b>0 – 5</b>  Uyilo okanye ucebo alukho; iitekisi ibekelwe ngokutenxileyo.  Imihlathi ayikho mxholweni kwaye akukho lunamathelwano. lingcamango, uphinda-phindo zinwenwela kude kwisihloko.  Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyu-bhutyu azingqinelani.

2. ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA  (12 AMANQAKU)	10 – 12	8½ – 9 ½	7½ – 8	6 – 7	5 – 5½	4 – 4½	0 – 3½
	Isimbo, imvakalozwi nerejista zisulungeke ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulomagama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo.  Itekisi ayinazimposiso konke-konke kuba kwenziwa uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulomagama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo.  Itekisi engenamakhwiniba ngokupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulomagama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo magama oluhambelana netekisi.  Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulomagama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo lwamagama lwanele.  Itekisi iseneemposiso noxa kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachanekanga. Uchongo magama luphakathi.  Itekisi ineziphoso ezininzi noxa kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo magama luyahexa.  Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo lwamagama luhexa kakhulu.  Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo kunye nohlelo.

**Imihlathana emide iya kuhlolwa ngokwale ndlela ilandelayo:**

ISIQULATHO	AMANQAKU
A UMONGO, UYILO NEMO	18
B ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	12
AMANQAKU EWONKE	30

**ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE – 20 AMANQAKU**

<b>ISIQULATHO</b>	<b>Khowudi 7 Balaseleyo 80% – 100%</b>	<b>Khowudi 6 Mfaneleko 70% – 79%</b>	<b>Khowudi 5 Enomthamo 60% – 69%</b>	<b>Khowudi 4 Anele 50% – 59%</b>	<b>Khowudi 3 Phakathi 40% – 49%</b>	<b>Khowudi 2 Buthathaka 30% – 39%</b>	<b>Khowudi 1 Bubhetyebhetye 0% – 29%</b>
<b>1. UMONGO, UYILO NESAHIWO/ NEMO</b>  <b>(12 AMANQAKU)</b>	<b>10 – 12</b>  Ubungqina bokucebisa uyilo buvelise itekisi engenazimpazamo kwaye lukwavelise itekisi.  Imihlathi ibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. lingcamango zivuthiwe, zixhokonxa iingcinga.  Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamatheleneyo.	<b>8½ – 9½</b>  Ubungqina bokucebisa uyilo buvelise itekisi engenazimpazamo kwaye bukhwavelise itekisi eyakhiwe ngokupheleleyo.  Imihlathi ibonakalisa utolikeko lwesihloko oluchanekileyo. lingcamango zihlakaniphile zinomdla.  Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahluka-hlukene.	<b>7½ – 8</b>  Ubungqina bokucebisa uyilo buvelise itekisi eyakhiwe ngokuncomekayo.  Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluvakalayo. lingcamango zinomdla, zeziqinisekiso.  Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.	<b>6 – 7</b>  Ubungqina bokucebisa uyilo buvelise itekisi eyanelisayo.  Imihlathi ibonakalisa utolikeko lwesihloko olwanelisayo. lingcamango ziqhelekile ziyasilela ngobunzulu.  Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile, kodwa umhlathana wona unembadla.	<b>5 – 5½</b>  Ubungqina bokucebisa uyilo buvelise itekisi ephakathi kwaye bukhwavelise itekisi eyakhiwe ngokulindelekileyo.  Isiqulatho siqhelekile, sinezikhewu kunamathelwano. lingcamango uninzi lwazo lunxulumene.  Izivakalisi nemihlathi zineemposiso kodwa iingcamango ziyalandeleka.	<b>4 – 4½</b>  Uyilo okanye ucebisa alwanelisi kwaphela. Ittekisi ayibekelwanga kakuhle.  Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. lingcamango zinqongophele, soloko kuphinda-phindwa.  Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	<b>0 – 3½</b>  Uyilo okanye ucebisa alukho; ittekisi ibekelwe ngokutenxileyo.  Imihlathi ayikho mxholweni kwaye akukho namathelwano. lingcamango nophinda-phindo zinwenwela kude kwisihloko.  Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyu-bhutyu azingqinelani.

<b>2. ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA</b>  <b>(8 AMANQAKU)</b>	<b>6½ – 8</b>	<b>6</b>	<b>5½</b>	<b>4 – 4½</b>	<b>3½</b>	<b>2½ – 3</b>	<b>0 – 2</b>
	Isimbo, imvakalozwi nerejista zisulungeke ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulomagama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo.  Ittekisi ayinazimposiso konke-konke kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulomagama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo.  Ittekisi engenamakhwiniba ngokupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulomagama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo magama oluhambelana netekisi.  Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulomagama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo lwamagama lwanele.  Ittekisi iseneemposiso noxa kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachanekanga. Uchongo magama luphakathi.  Ittekisi ineziphoso ezininzi noxa kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulomagama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo magama luyahexa.  Ittekisi idlaka-dlaka ziimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo lwamagama luhexa kakhulu.  Ittekisi idlaka-dlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo nohlelo.

**Imihlathana emifutshane iya kuhlolwa ngokwale ndlela ilandelayo:**

<b>ISIQULATHO</b>	<b>AMANQAKU</b>
<b>A UMONGO, UYILO NEMO</b>	<b>12</b>
<b>B ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA</b>	<b>8</b>
<b>AMANQAKU EWONKE</b>	<b>20</b>

**ICANDELO A: IZINCOKO****UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-340 ukuya kuma-390.

1.1 Imithi idlala indima enkulu kubomi bethu.

Bhala isincoko ngesihloko esithi, "Ukubaluleka kwemithi".

**Isincoko esichazayo/esixoxayo/esibalisayo**

Izinto ezenziwa ngemithi kubomi bethu bemihla ngemihla:

- Ifenitshala
- Ukuhombisa
- Ukukhusela
- Ukwakha izindlu neentlanti
- Ukuthintela ukhukhuliseko-mhlaba
- Ukubasa
- Ingeniso
- Iziqhamo
- Iyeza

**[50]****OKANYE**

1.2 Ubundlobongela bunweniswa yintswela-ngqesho, kukuhlupheka okanye ngumona kusini na?

Bhala isincoko uveze izimvo zakho ngokukhula kobundlobongela kwilizwe esiphila kulo.

**Isincoko esiqiqisayo/esichazayo/esicamngcayo**

Umlingwa ulindeleke ukuba angqine okanye aphikise ngezinto ezingoonobangela bobundlobongela kwintlalo yethu ezifana nezi zilandelayo:

- Intswelo-ngqesho
- Ukuhlupheka
- Umona

**[50]****OKANYE**



- 1.3 Umele ukuba unazo izicwangciso ngobomi bakho kwiminyaka elishumi ezayo.

Bhala isincoko ngesihloko esithi, "Izicwangciso zam kwiminyaka elishumi ezayo".

**Isincoko esichazayo/esixoxayo/esibalisayo/esicamngcayo**

Kulindleleke ukuba umfundi ngamnye abhale ophele ngezinto azinqwenelayo acinga ukuba uya kukwazi ukuzenza ngempumelelo kwiminyaka elishumi ezayo.

- Imfundo.
- Ingqesho.
- Usapho.

[50]

**OKANYE**

- 1.4 Bhala isincoko esithi, "Ukungalungi komkhwa wocalu-calulo ngokobuhlanga lwabemi bamazwe angaphandle eMzantsi Afrika".

**Isincoko esixoxayo/esichazayo/esiqiqisayo**

Kulindleleke ukuba umfundi avelise izimvo zakhe ngokungalungi kocalu-calulo ngokobuhlanga okanye iziphumo ezibi ezibangelwa lualu-calulo.

[50]

**OKANYE**

- 1.5 Bhala isincoko esiya kuqala siphinde siphile ngamazwi athi, "Kungcono ndizilahlele kwiincwadi zam ukuze ndiphumelele ebomini".

**Isincoko esicamngcayo/esichazayo**

Kulindleleke ukuba umfundi abhale izinto ezenzekileyo ebomini bakhe ezingunobangela wokuba afikelele kwesi sigqibo asithathileyo ngokwala mazwi akwisihloko esinikiweyo.

Kunokusekelwa kumava omnye umntu.

[50]

**OKANYE**

- 1.6 Bhala isincoko esithi, "Ukubaluleka nokungabaluleki kokunxitywa kweyunifomu ezikolweni".

**Isincoko esibalisayo/esichazayo**

Kulindleleke ukuba umfundi abhale izimvo zakhe malunga nokubaluleka nokungabaluleki kokunxitywa kweyunifomu ezikolweni.

[50]

**OKANYE**

- 1.7 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi ubhale naluphi na udidi lwesincoko. Nika isihloko esifanelekileyo.

**Naluphi na udidi lwesincoko olutolika okusemfanekisweni.**

- Umfundi usenokubhala ngobuhle bendalo.
- Umfundi usenokubhala ngemisebenzi yamaziko emfundo ephakamileyo.
- Usenokubalisa ngezakhiwo nokubaluleka kwazo.

**[50]**

**OKANYE**

- 1.8 Emva kokuqwalasela lo mfanekiso ungezantsi, bhala naluphi na udidi lwesincoko usinike isihloko esifanelekileyo.

**Naluphi na uhlobo lwesincoko olutolika okusemfanekisweni.**

- Ukuphuhlisa izakhono
- Ukulwa nentswelo-ngqesho
- Ushishino
- Ukuba ngumthungi wezihlangu neebhegi

**[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

**ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE****UMBUZO 2**

Chonga umhlathana omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-100 – 120 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

**2.1 IMEMORANDAM**

Kwisikolo ofunda kuso iinkonzo zeebhasi ezithutha abafundi ukusuka emakhaya ukuya esikolweni, nokusuka esikolweni ukuya emakhaya azihambi kakuhle tu.

Bhalela inqununu yesikolo sakho imemorandum ubeke elubala izinto eziziingxaki ezibangela ukuba kubekho ukuphazamiseka ekufundeni kwenu.

Umlingwa makaqaphele ezi zinto zilandelayo.

Amagama abantu eya kubo nevela kubo umz:

- Ivela ku ...
- Iya ku ...
- Umhla
- Isihloko/umcimbi

**[30]****OKANYE****2.2 ILETA YOBUHLOBO**

Umhlobo wakho uhleli unyaka wonke engafundi emva kokuphumelela ibanga le-12 ngenxa yokuswela imali. Ngethamsanqa ude wayifumana ibhasari yokwenza izifundo zakhe zobunjineli.

Bhala ileta eya kumhlobo wakho lowo uvuyisane naye.

Umlingwa makaqaphele ezi zinto zilandelayo:

- Idilesi yombhali ehamba nomhla nekhawudi yendawo.
- Isibuliso
- Intshayelelo enomdla
- Umxholo apho uvuyisana naye kwaye umkhuthaza khona.
- Isiphelo

**[30]****OKANYE**

### 2.3 INGXOXO

Ingxoxo ishushu phakathi komzali nomntwana wakhe kuba bengaboni ngasonye ngomba wokuba umntwana ufuna ukuya kubukela ukhuphiswano loonobuhle oluza kuqhutyelwa kwiholo yesithili sabo ebusuku.

Bhala ingxoxo yesi sibini.

Ingxoxo yababini.

- Kumhlathi wentshayelelo makuvele amagama abantu abaxoxayo; indawo nexesha.
- Isakhiwo sokubhalwa kwengxoxo masicace kubekho umgca oshiyiweyo phakathi kweentetho zezithethi.
- Amagama ezithethi abhalwe ngoonobumba abakhulu, belandelwa yikholoni.
- Umama makathethelele iimbono zakhe ngokuhamba kwabantu ebusuku.
- Umntwana makazibeke iinjongo zakhe kunye nokubaluleka kolu khuphiswano loonobuhle neendlela zokhuseleko ezilungiselelweyo malunga nokuhamba ebusuku.
- Umhlathi wesiphelo ubonakalise ukuba ingxoxo iyaphela.

[30]

### OKANYE

### 2.4 IRIVYU

Ungene kumzi wokutyela ngeenjongo zokufuna into esiwa phantsi kwempumlo.

Bhala irivyu, uncome ugxeke lo mzi phantsi kwezi ngongoma: ucoceko, iintlobo zokutya, iinkonzo zabasebenzi, amaxabiso nokhuseleko.

Kulindeleke ukuba umlingwa achaphazele ezi zinto zilandelayo xa encoma egxeke:

- Ucoceko
- Iindidi ezohlukeneyo zokutya
- Iinkonzo zabasebenzi,
- Amaxabiso
- Ukhuseleko
- Yintoni ayithandayo okanye angayithandiyo

[30]

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

**ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE****UMBUZO 3****3.1 IKHADI LESIMEMO**

Kwindawo ohlala kuyo kuza kube kuqhutywa izifundo ngesifo uGawulayo.

Bhalela umhlobo wakho ohlala kwenye indawo ikhadi lesimemo ummeme ukuba aze kuzivela.

Umlingwa makaqwalasele ezi zinto zilandelayo:

- Indawo apho izifundo ziza kuqhutyelwa khona.
- Umhla
- Ixesha
- Izifundo nomxholo
- Impendulo.

**[20]****OKANYE****3.2 IIFLAYA**

Bhala iflaya wazise uluntu ngemveliso yakho okanye inkonzo onikezela ngayo eluntwini kwindawo osebenzela kuyo.

Umlingwa ulindeleke ukuba:

- Abhale ngendlela eya kunika umdla eluntwini.
- Makachaze ezona zinto ezenza ukuba ihambe phambili imveliso okanye inkonzo anikezela ngayo eluntwini.

**[20]****OKANYE****3.3 UMYALELO**

Ukwidolophu yaseMount Ayliff ulindele undwendwe olusuka kwidolophu yaseMthatha, kwindawo ebizwa ngokuba yiQunu. Sebenzisa imephu oyinikiweyo.

Bhala umyalelo uluyalele indlela omaluhamba ngayo ukuza kule ndawo ukuyo.

Umlingwa makachaphazele izinto ezifana nezi:

- lidolophu
- lindawo
- Iziphambuka
- Imilambo neebholorho

**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**  
**AMANQAKU EWONKE: 100**